Isalathiso: 20160707-2193
5/8/4/1/2
Imibuzo: B le Keur

ISetyhula: 0023/2016
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*lMG,* kumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Ithuba lokugqibela lezikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 loku-odola ngekhompyutha izinto zokubhala nezokucoca ezongezelelweyo ukwenzela ukusetyenziswa kwazo ngo-2017*

Isihloko: Uku-odolwa ngekhompyutha (*Online ordering*) kwezinto zokubhala nezokucoca kunyaka-mali ka-2016/17 ukwenzela zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

1. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0016 yomhla we-13 Apreli 2016.

2. Ukususela ngowe-01 ukuya kowe-05 Agasti 2016, izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 ziya kunikwa ithuba lokugqibela loku-odola izinto zokubhala nezokucoca oko kusenziwa ngekhompyutha ukwenzela ukusetyenziswa kwazo ngo-2017.

3. Isikhokelo siya kunikwa kwi*CEMIS* ukucacisa ngendlela yokufaka ekhompyutheni yaye kusayinelwe iimfuno zezinto zokubhala nezinto zokucoca ezongezelelweyo.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) liya kufaka ii-odolo zezinto zokubhala nezokucoca ezifunwayo egameni lezikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kubathengisi abakwimvumelwano *(contracted suppliers),* njengoko kuchaziweyo kwiSetyhula 0005/2015.

5. Izikolo zingafaka ekhompyutheni kuphela i-odolo yezo zinto zidweliswe kwiikhathalogu zezinto zokubhala nezokucoca (eziqhotyoshelwe apha).

6. Kucelwa uqaphele ukuba imvumelwano yezinto zokubhala ayenzi sibonelelo sokuthengwa nokusiwa kwephepha lokufotokopa neekhatriji zeprinta. Ezi zinto, kwakunye nezinye izinto ezingadweliswanga kwiikhathalogu zezinto zokubhala nezokucoca, ziya kuthengwa ngokwahlukeneyo ngeekoteshini ezicelwa ngokuqala kugqithwe kwi-*Integrated Procurement Solution* (*IPS*).

   Izikolo mazingenise iirikhwizishini *(WCED 026 form*) ngokumalunga noku kwi-ofisi ye*LTSM* ungadlulanga umhla we-05 Agasti 2016 ukuqinisekisa ukusiwa kwazo ngexesha.

7. Ziya kucelwa izikolo zisebenzise iimali zezabelo zazo zeMimiselo neMigangatho (*norms and standards*) (*N&S*) yee-*local purchases* ukuhlawulela zonke iimfuno zazo zezinto zokubhala nezokucoca. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo zicwangcise ngobulumko kwizigqibo zazo ezimalunga nokulawulwa kweemali zezabelo ze*N&S*, ukuqinisekisa ukubakho kwemali eyanaleyo ejongene neemfuno. Izikolo ziya kuncediswa malunga noko kungqinisiswa kwee-odolo namaxabiso azo aya kuthunyelwa ezikolweni lo gama ii-odolo zisetyenzwayo *(processed*).

8. Kucelwa wazise okukule setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-07-08